Isalathiso: 20210204-838
Inombolo yefayili: 3/3/2/4/12
Imibuzo: IZiko leeFoni

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso yezeKharityhulam kwiZithili, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi kwiZithili, kwiiNqununu nakubo bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente

Isihloko: Ukubaluleka kokuba ootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente benze isicelo semvume yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo owenziwa ngaphandle kwenkonzo karhulumente (*remunerative work outside the public service*) (*RWOPS*) nokuqhuba ushishino nequmrhu likarhulumente

1. Isiqendu 33 soMthetho wezeNgqesho yooTitshala, ka-1998 (uMthetho 76 ka-1998), isiqendu 30(1) soMthetho weNkonzo kaRhulumente, ka-1994, (uMthetho 103 ka-1994) nesiqendu 13(c) seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente (*Public Service Regulations*) (*PSR*), ka-2016, ezipapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 40167 ye-29 Julayi 2016, zazisa bonke abaqeshwa ngembopheleleko yabo yokwenza isicelo semvume esuka kwiNtloko yeSebe (*HoD*) ukuba banqwenela ukwenza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente.

2. Abaqeshwa abangekayifuni nangoku imvume yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente, kwakunye nabo banenjongo yokwenza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente, mabangenise ngokukhawuleza izicelo zabo zokwenza umsebenzi ololu hlobo. Iimvume zinikwa ngonyaka-mali ngamnye (nge-01 Apreli ukuya kwi-31 Matshi yonyaka olandelayo) yaye ke ngoko abaqeshwa kufuneka bafake izicelo kwangaphambili qho ngonyaka.

3. Ukufumana imvume, makuzaliswe le fom yesicelo iqhotyoshelweyo (ihlaziyiweyo) ingeniswe kule dilesi ilandelayo:

   Head: Education
   For attention: Director: Strategic People Management
   Western Cape Education Department
   Private Bag X9114
   Cape Town
   8000

OKANYE
Ithunyelwe nge-imeyili apha: RWOPS.Applications@westerncape.gov.za

4. Umhlathi 13(c) weCandelo 1, kwiSahluko 2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, ka-2016 (*Public Service Regulations, 2016),* esiqale ukusebenza ukususela nge-01 Agasti 2016 ucacisa ukuba umqeshwa:

   "akayi kuqhuba ushishino nequmrhu likarhulumente nokuba leliphi na okanye abe ngumlawuli wenkampani karhulumente okanye eyabucala eqhuba ushishino nequmrhu likarhulumente, ngaphandle kokuba umqeshwa ololu hlobo ungumlawuli osesikhundleni wenkampani ekuluhlu lweshedyuli *2 no-3 yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente* (*Public Finance Management Act*)". Lo mqathango unokuguqulwa apho kuyimfuneko (*mutatis mutandis),* usebenze kubaqeshwa abaqeshwe ngokoMthetho weNgqesho yooTitshala, ka-1998 (uMthetho 76 ka-1998).

5. Okusisiphumo kubaqeshwa abangabalawuli benkampani karhulumente okanye inkampani yabucala abaqhuba ishishini nequmrhu likarhulumente kwakucacisiwe kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule (*Strategic People Management*) 0001 ka-2018 yowe-30 kuJanuwari 2018.

6. Abaqeshwa abangabalawuli benkampani karhulumente okanye inkampani yabucala nabasaqhuba ishishini nenkampani karhulumente okanye inkampani yabucala baya kucelwa ukuba bayeke ngoko nangoko ukusebenzela inkampani leyo okanye baziphelise iinkonzo zabo nesebe.

7. Abaqeshwa abaneenkcukacha zabo zobuqu ezikwinkampani yabucala kwi-*Companies and Intellectual Property Commission's Register* nabangasathathi nxaxheba kumsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente, bayacelwa baqinisekise ukuba amagama abo akhutshiwe kwirejista ngokufanelekileyo.

8. Abaqeshwa abanyanzelekileyo ukuba bakuxele ukuchaphazeleka kwabo kwezemali nababefake isicelo semvume yokuqhuba umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente mabaqinisekise ukuba bagcina irekhodi yeleta ebanika imvume yokwenza umsebenzi ngaphandle kwenkonzo karhulumente ukwenzela ukuba bayifake (*upload*) kwikhompyutha ileta kwisistim yekhompyutha eyi-*eDisclosure system*.

9. Abaqeshwa abanikwa intlawulo eyongezelelweyo liSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*), enxulumene, phakathi kwezinye izinto, nabamakishi beemviwo zematriki, abaqeqeshi/abaququzeleli kunye nootitshala abenza imisebenzi yokusuphavayiza ezihostele, akukho mfuneko yokuba bawuthobele umyalelo okumhlathi 5 njengoko iintlawulo ezongezelelweyo zigunyaziswa ngokwemigqaliselo yowiso-mthetho esebenzayo.

10. Ukungayithobeli le mimiselo icaciswe kule ngcaciso imfutshane kungakhokelela ekubeni kuthathwe amanyathelo oluleko ngakumqeshwa.

11. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-03-07